## Singoobani

SiliSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Umsebenzi wethu kukukhuthaza umsebenzi ogqwesileyo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nakwezenkcubeko, ngokusebenzisana nabanye ngendlela enobuchule. Sidala iimeko zokufikeleleka nokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyanwa kwetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

## Ngubani Owongameleyo



- **UMphathiswa: nguGqirha Ivan Meyer**
  Uchongwe ngokwemeko yezopolitiko. Unoxanduva lokulawula imisebenzi yeSebe ngokuhambelana nemigaqo-nkqubo yeSebe yesizwe neyephondo.



- **INtloko yeSebe: nguMnu. Brent Walters**
  Usebenzela uluntu, uqeshelwe ukuqinisekisa ukuba iSebe liphumeza imigaqo-nkqubo nemiyalelo yoMphathiswa neyeSebe ngokufanelekileyo nangempumelelo.

## Eyona Njongo Yethu Iphambili

Isebe linoxanduva lokwenza ukuba iNtshona Koloni iyabandakanyeka kwezentlalo ngokuba yinxalenye yezemidlalo, yezobugcisa nezenkcubeko.

## Senza Ntoni

Ezona nkonzo zethu ziphambili esikunika zona njengomnye wabasebenzisa iikonzo zethu:

**IiNkonzo zobuGcisa neNkcubeko** — ukujongana nophuhliso, nokulondolozwa kunye nokukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko ngokwezi ndlela:

- Ukuxhasa ngemali imibutho yezobugcisa nenkcubeko ekwiphondo
- Ukuxhotyiswa koluntu nokuqeqeshwa kwabo bakulawulo lwezobugcisa neengcali zezobugcisa
- Intsebenziswano/ukuzibandakanya nemibutho, oomasipala namaziko ezemfundo
- Imisitho (Amaqonga okubonakalisa ubugcisa: Iminyhadala)
- Ukunika inkxaso ngezolawulo kwiKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni

**IiMuziyam neeNkonzo zezoBonelelo zeLifa leMveli** — ukukhuthaza nokulondoloza ilifa lemveli yephondo ngokweenkonzo zeemuziyam nangokwemibutho ngokwenza oku:

- Inkxaso kwiimuziyam ezifumana uncedo kwiphondo
- Iinkqubo zokuFikelela eluntwini
- Ukwenziwa kweMigaqo-nkqubo
- Uphando nokwenziwa kwemiboniso
- IiNkqubo eziFundisayo ezikolweni
- Ukunika inkxaso kwezolawulo kwiBhunga lezamaFa laseNtshona Koloni

**IiNkonzo zoLwimi** — ukukhuthaza ukuba kuthethwe iilwimi ezisemthethweni ezintathu eNtshona Koloni njengenxalenye yokwenza ukuba abantu bazingce kwaye baqondane; nokuphuhlisa iilwimi ebezifudula zihlelelekile zeli lizwe ngokwenza oku:

- Iinkonzo zokuguqulwa kolwimi kumasebe orhulumente wephondo
- Iinkonzo zotoliko kumasebe orhulumente wephondo
- Ukukhuthazwa koMgaqo-nkqubo woLwimi kurhulumente wephondo
- Ukunika inkxaso kulawulo lweKomiti yoLwimi yaseNtshona Koloni
- Ukukhuthazwa koLwimi lwesiNama nolokuthetha ngezandla

**IiNkonzo zamaThala eencwadi** — ukukhuthazwa kweenkonzo zamathala eencwado nawokunikezela ngeenkcukacha ngokwenza oku:

- Ukubonelelwa kwezixhobo ezintsha zamathala eencwadi kumathala eencwadi
- Ukukhuthazwa kweeprojekthi, umz. amaPhulo okufundisa ukufunda nokubhala
- Iinkqubo zokuqeqeshwa kwabasebenzi bamathala eencwadi
- Ukuphunyezwa kwezibonelelo ezisisiseko zobuGcisa kwezoLwazi nezoNxibelelwano kumathala eencwadi
- Ukwazi ukusebenzisa i-intanethi kwabo basebenzisa amathala eencwadi
- Ukufikelela kumathala eencwadi ngokusetyenziswa kweeNqwelo ezisebenza njengamathala eencwadi ezibizwa ngokuba ziiWheelie Wagons(amathala eencwadi ajikelezayo)
- Ukunika inkxaso-mali kumathala eencwadi kamasipala

**IiNkonzo zokugcinwa kwamaphepha akudala namaxwebhu** — ukubonelela ngeenkonzo zolawulo lwamaphepha amadala namaxwebhu kwaneengxelo ezigciniweyo ngokwenza oku:

- Ngokugcinwa nokulondolozwa kwamaxwebhu embali
- Ngokweenkqubo zokwazisa uluntu ngezinto nangokwemiboniso
- NgokweNkqubo yokugqithisela iMbali ngomlomo
- Imisitho yeSizwe, umz. Iveki yokugcinwa kweempepha namaxwebhu eSizwe
- Ngokulawulwa kweengxelo zeempepha zakudala namaxwebhu
- Ngokulawulwa kwegumbi lokufundela ngeenjongo zokwenza uphando

**Ezemidlalo** — ukukhuthaza amathuba kwezemidlalo ngokuthi kuboneleIwe ngamaziko aluncedo, ngeenkqubo neenkonzo ezikwiindawo ezifikelelekayo nafikelelekayo ngokwemali:

- Ukubonelela ngenkxaso-mali kwiintlangano zezemidlalo kwiphondo nakwimimandla
- Uqeqesho kulawulo lwezemidlalo
- Uqeqesho lwamaGosa ezobuGcisa
- Imisebenzi yoPhuhliso kwezeMidlalo
- Ukwakhiwa nokuphuculwa kwamaziko ezemidlalo
- Iinkqubo zeMidlalo zokuDlala kwizinga eliphezulu
- Imidlalo yabakhubazekileyo namaNina namantombazana kwezemidlalo
- Inguqu kwezemidlalo
- Imisitho emikhulu
- Iimbasa kwezemidlalo

**Ezolonwabo** — ukuncedisa ekukhuthazeni ezolonwabo, imisebenzu nemidlalo elungiselelwe abathile ngokwenza oku:

- Ukusekwa kwemibutho ejongene nezolonwabo
- I-MOD(**M** – ukuthatha inxaxheba kwesininzi; **O** – ukudala amathuba nokufikelela ezintweni; **D** – kunye(nophuhliso nokukhula) namaZiko olonwabo
- Ukufunyaniswa kwetalente
- IiNkampu zokuDlala kwizinga eliPhezulu
- Iminyhadala eyenziwa ndaweni-nye

**Ezemidlalo ezikolweni** — ukwenza ukuba abantu bafikelele kwezemidlalo nokudala amathuba ezemidlalo kulungiselelwa izikolo nabafundi ngokwenza oku:

- Amaziko ezeMidlalo eMOD
- Ukhuphiswano lweLigi nolweeTumente kunye neMinyhadala
- Ukuphuhliswa kwezakhono
- Ukufunyaniswa kwetalente
- Amaziko eSHARP (Imidlalo ekwizinga eliPhezulu nokuQhubela phambili ngokweeNkqubo zoLonwabo)
- Imidlalo yezikolo zaseNtshona Koloni

**ICandelo leNdebe yeHlabathi ka-2010** — ukudala kubekho ummandla okwazi ukubamba ngempumelelo iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010 ngokwenza oku:

- Ngokwemidlalo yasezitalatweni
- Ukuxhotyiswa koluntu neCandelo lokuPhuhlisa izakhono
- Ukubamba iiFanjol zePhondo
- Imisitho yokubala ixesha eliseleyo ukuze kubanjwe loo midlalo
- Ukuxhasa abo bajongene nezakhono

## Isebe Lethu Nabasebenzi Balo

i) Abasebenzi

Siqeshe abasebenzi abali-616 abakwiindawo ezingama-51 kwiphondo liphela:

Amanani abasebenzi:

| | | |
|---|---|---|
| AmaNdiya | 3 | (0.5%) |
| AbaMhlophe | 119 | (19.3%) |
| AbaMnyama | 177 | (28.7%) |
| AbeBala | 317 | (51.4%) |

Abasebenzi ngokwesini:

| | | |
|---|---|---|
| Amadoda | 306 | (49.7%) |
| Amabhinqa | 310 | (50.3%) |

Abasebenzi abakhubazekileyo:

| | |
|---|---|
| Amadoda | 1 |
| Amabhinqa | 1 |



ii) Ulwimi oluthethwa ngabasebenzi:
IsiNgesi, isiBhulu nesiXhosa zizo iilwimi ezintathu ezisemthethweni zalapha eNtshona Koloni. Uninzi lwabasebenzi luyakwazi ukuthetha ubuncinane iilwimi ezimbini kwiilwimi ezintathu ezisemthethweni zephondo.

iii) Amaziko anikezela ngeenkonzo:
- I-ofisi eNkulu, ikwiSakhiwo iProtea Assurance, eGreen Market Square eKapa uMnxeba: 021 483 9503
- IiNkonzo zeNkcubeko e-Oudtshoorn De Jager Sports Complex, Voortrekker Rd, Oudtshoorn uMnxeba: 044 272 6165
- IiNkonzo zeNkcubeko eVredendal kwi-ofisi engunombolo 31 eMatzikamma Road, Vredendal Ifowuni: 027 213 3018
- I-ofisi yezemidlalo yesiThili saseBolani, kwa-11 Van der Lingen Street, ePaarl Umnxeba: 021 872 1337
- Ii-ofisi zezeMidlalo kwisiThili esikuMbindi weKapa, kwi-ofisi eseHartleyvale, eLiesbeeck Road e-Observatory Umnxeba: 021 447 3094
- I-ofisi yezeMidlalo kuMmandla waseWest Coast, 5 Hill street kwisakhiwo i-Old Medical Building eVredenburg Umnxeba: 022 713 2727
- Iinkonzo zamathala eencwadi, kwiKona yeHospital neChiapinni Street eGreen Point Umnxeba: 021 483 2273
- Iinkonzo zokugcinwa kweenkcukacha ezibalulekileyo, eRoeland Street eKapa Umnxeba: 021 483 0400
- Iimuziyam zePhondo: iBartolomeu Dias Museum, eMossel Bay, iCape Medical Museum eGreen Point, iMuziyami yaseGeorge, iMuziyami yaseWorcester kunye neMuziyami
- IiMuziyami ezifumana uncedo kwiPhondo: iMuziyami yaseBeaufort West, iMuziyami yaseCaledon kunye neCP Nel Museum (e-Oudtshoorn), iDrosdy Museum( eSwellendam), iFransie Pienaar Museum (Prince Albert) iGenadendal Museum, iGreat Brak River Museum (Porteville), iHout bay Museum, iHuguenot Memorial Museum (eFranshoek), iMontagu Museum, i-Old Harbour Museum (eHermanus), i-Old Harbour Museum (Hermanus) i-Oude Kerk Volksmuseum van 't Land van Waveren (eTulbagh), iPaarl Museum, iSA Sendiggestig Museum (eKapa), Robertson Museum, iShipwreck Museum (eBredasdorp), iSimon's Town Museum, iStellenbosch Museum, iTogrygers Museum (eCeres), iWelling Museum, neWheat Industry Museum (eMoorreesburg).

## Uhlahlo Lwabiwo-Mali Lwethu

Uhlahlo lwabiwo-mali lwethu luka-2010/11 zizigidi ezingama-R294, 704 000. ISebe liphumelele ekuchitheni izigidi ezingama-R294, 023 000.

### Ukucazululwa Kohlahlo Lwabiwo-Mali:

| | |
|---|---|
| Ukuhlawulwa kwabasebenzi | R118 190 000 |
| Iinkqubo | R175 833 000 |
| **IYONKE** | **R294 023 000** |


### Ukucazululwa Kohlahlo Lwabiwo-Mali Ngokwenkqubo Nganye:

| | |
|---|---|
| Ulawulo izigidi ezingama- | R33 008 000 |
| Imicimbi yeNkcubeko izigidi ezingama- | R59 533 000 |
| IiNkonzo zamaThala eencwadi nokugcinwa kweempapha namaxwebhu zizigidi ezingama- | R118 960 000 |
| Ezemidlalo nolonwabo izigidi ezingama- | R78 522 000 |

## Senze Njani Ngo-2010/11?

| Senze Njani Ngo-2010/11? | Iinjongo Eziphunyeziweyo |
|---|---|
| IiNkonzo zoBugcisa neNkcubeko | Imibutho eququzelayo emi-4 iye yasekwa<br>Imisitho engama-44 iye yaququzelelwa<br>Ngama-3073 abo bathatha inxaxheba abaye bafunyanwa<br>Li-147 amagcisa aqeqeshiweyo<br>Ngama-60 abalawuli kwezenkcubeko abaye baqeqeshwa<br>Zi-4 iinkqubo ezivunyiweyo eziye zabonelelwa<br>Zi-4 iinkqubo zeLearnership ezenziweyo<br>Ili-11 imibutho yeengcali namaziko ekuye kwasetyenziswana nawo<br>Ngama-554 amagcisa aqeqeshiweyo ngenxa yenkxaso-mali yeeNGO<br>Zili-15 iinkqubo zokucebisa eziye zenziwa<br>Ngama-5660 abantu abaye baya kwimiboniso eyenzelwe uluntu (ukuphuhlisa ababukeli)<br>Zi-4 iikomiti zokwenza izicwangciso nezeekomitana eziye zabanjwa yiKomishoni yezeNkcubeko eKapa |
| IiNkonzo zeeMuziyami nezibonelelo zezamaFa eNkcubeko | Ngama-331 184 abantu abaye batyelela iimuziyami ezincediswa liphondo nezasekuhlaleni nezisebenzise amaziko aluncedo<br>Mi-2 imiboniso esigxina eyenziwe ngabeeNkonzo zeMuziyami<br>Zi-5 iincwadana nokupapashiweyo okuye kwasasazwa<br>Zi-4 izivumelwano zentsebenziswano eziye zagqitywa<br>Ngama-50 amagama eendawo aye aphononongwa<br>Mnye umgaqo-nkqubo oyidrafti weNkonzo yeeMuziyami zePhondo oye watyikitywa nguMphathiswa wePhondo<br>Zili-18 iimuziyami ezincediswa liPhondo ezihoyiweyo<br>Zi-4 iiMuziyami zasekuhlaleni ezihoyiweyo<br>Zi-3 iintsuku ezibanjelwe iminyhadala kuba zibalulekile<br>Ngama-278 abathathe inxxheba kwinkqubo yokufikelela kubafundi ezikolweni<br>Zi-3 iiprojethi zophando ezigqityiweyo<br>Mi-2 imiboniso yezokuhamba egqityiweyo<br>Zi-3 iinkqubo ezintsha zemfundo ezenziweyo konyulwe ibhunga elitsha kwezamaFa eNkcubeko eNtshona Koloni |
| IiNkonzo zoLwimi | Ngama-817 amaxwebhu aguqulweyo<br>Zi-3 izinto ezipapashwe ngeelwimi ezininzi eziye zasasazwa<br>Zili-17 iinkonzo zotoliko ezenziweyo<br>Ngama-25 abantu abaxhotyiselwe ukuba baguqulele izinto kolunye ulwimi<br>Mnye umbutho oququzelela izinto zolwimi ezisekiweyo<br>Zi-6 iintlanganiso zeqonga leengxoxo zolwimi kwiPhondo eziye zabanjwa<br>Zi-5 izinto ezenziweyo ukukhuthaza ukuthethwa kweelwimi ezininzi<br>Zi-2 iiProjekthi ezijolise ekujonganeni nokungalingani ngokolwimi okubangelwa lixesha langaphambili<br>Zisi-7 iiProjekthi zokuphuhlisa iilwimi ezazifudula zihlelelekile kunye noLwimilokuThetha ngezandla<br>Ali-12 amasebe aye axhamla kwiiNkonzo zoLwimi |
| IiNkonzo zamaThala eencwadi nezokugcinwa kweempepha namaxwebhu | Zingama-303 326 izixhobo ezintsha zokusetyenziswa kumaThala eencwadi eziye zasiwa kumaziko amathala eencwadi angama-336 axhaswa liphondo eNtshona Koloni<br>Ngama-7 027 izinto ezipqpashiweyo ezihlawulelweyo<br>Zili-13 iiprojekthi zoKwazisa ngezinto ezifana neVeki yamaThala eencwadi yeSizwe<br>Ngama-321 abasebenzi bamathala eencwadi abaye baqeqeshelwa ukuba kungenelelo lwezigaba ezili-14 zokuxhotyiswa koluntu<br>Zi-5 iindawo ezisemaphandleni eziye zaxhamla kwiprojekthi yethala leencwadi elijikezelayo iWheelie Wagons<br>Ngama-20 amathala eencwadi aye axhamla kwizibonelelo ezisisiseko zobuchwephesha kulwazi nakwezonxibelelwano<br>Ssisigidi esi-1,2 abo basebenzisa amathala eencwadi<br>Ngama-31iibhodi zoovimba abagcina iimpepha namaxwebhu zikaRhulumente eziye zahlolwa<br>Li-153 labasebenzi abalawula iingxelo abaqeqeshiweyo<br>Ngama-8 608 abaphandi abatyelele uvimba ogcina iimpepha namaxwebhu<br>Ngama-20 amaqela ovimba ogcina iimpepha namaxwebhu alungiselelwe ukuba ahlangulwe<br>Ngama-554 amaxwebhu agciniweyo<br>Zisi-8 iinkqubo zokwazisa uluntu ezinatyiselwe eluntwini<br>Zi-2 iinkqubo zokubaliswa kweMbali ngomlomo ezenziweyo<br>Mi-2 imisitho kazwelonke ekuye kwathatyathwa inxaxheba kuyo<br>Mi-5 imisitho yesizwe ekuye kwathatyathwa inxaxheba kuyo<br>Mnye umisithowephondo ekuye kwathatyathwa inxaxheba kuyo<br>Ngama-47 369 iingxelo eziye zaqwalaselwa ngabaphandi |





| | |
|---|---|
| Ezemidlalo | Zili-107 iintlangano zezemidlalo eziphantsi kwesebe kwiphondo nakwimimandla ezinika inkxaso ngokuthi zixhaswe ngemali<br>Ngama-489 abalawuli bezemidlalo namavolontiya aqeqeshiweyo<br>Ngama-58 abaqeqeshi abaqeqeshiweyo<br>Li-196 amaGosa kwezobuGcisa aqeqeshiweyo<br>Ngama-5 016 iimbaleki eziye zaxhamla kwimisebenzi yokuphuhliswa kwezemidlalo<br>Mi-6 imibhiyozo yokunikezelwa kweembasa zezemidlalo eye yabanjwa eyile, iimbasa zezemidlalo kwimimandla emi-4, uMnyadala wokunikezelwa kweembasa zezemid-lalo kwiPhondo kunye noMnyhadala wokunikezelwa kweembasa kumaqhawe ezemidlalo<br>Iziko elinye elitsha lezemidlalo liye lenziwa<br>Amaziko ama-4 ezemidlalo aphuculweyo<br>Zizigidi ezi-R2.4 zezibonelelo ezisisiseko nezamaziko eziye zagqithiselwa koomasipala aba-5 apho kuye kwax-hamla iiprojekthi ezisi-8<br>Ngama-25 abathatha inxaxheba abaye baqeqeshwa baxhaswa ngokweenkqubo zokudlala kwizinga eliphe-zulu<br>Li-128 labo bathatha inxaxheba abaye bathatha zi-inkqubo zokudlala kwizinga eliphezulu<br>Ngama-22 imisitho yezemidlalo ephambili eye yaxhasa isebe kubandakanywa umdyarho weebhayisekile iCape Argus Pick n Pay Cycle Tour, oweembaleki iTwo Oceans Marathon kunye nowokuhamba iDiscovery Cape Times Big Walk<br>Ziimbaleki ezingama-248 eziye zaxhaswa ngokuthatha inxaxheba kwimidlalo ekwizinga eliphezulu kwezemid-lalo kwimisitho kazwelonke |
| Ezolonwabo | Mi-2 imibutho yezolonwabo eye yaxhaswa<br>Ngamaziko ama-5 ezoLonwabo eMOD aye aziswa njengeProjekthi engumalathi-ndlela<br>Ngama-81 imisitho yemidlalo eyonwabisayo eye yaqu-quzelelowa<br>Ngama-28 913 abantu abaye bathatha inxaxheba kwimisitho yemidlalo eyonwabisayo<br>Ngama-408 abathathe inxaxheba kwiTumente yeMidlalo yeBhola kwiphondo<br>Li-106 abaququzeleli bemidlalo abagqibe ngempume-lelo izifundo zokulawulwa kwemisitho ezivumelekileyo kwiTeknikhoni eseKapa iCape Peninsula University of Technology |
| Ezemidlalo ezikolweni | Li-1 339 abafundi abaye bathatha inxaxheba kukhu-phiswano lwezemidlalo lwamaphondo (yesizwe)<br>Ngama-52 amaqela aye aya kukhuphiswano lwemidlalo yesizwe<br>Ngama-98 amaZiko ezeMidlalo eMOD anomlinganiselo wabafundi abali-19 370 abaye baya kula maziko ngeveki<br>Ngama-289 iimbaleki ezifundayo ezibhaliswe kwizikolo zeMidlalo zaseNtshona Koloni<br>Ngama-57 iimbaleki ezikwiqela lezikolo lesizwe<br>Ngama-61 iimbaleki ezikumaqela eentlangano zabadala<br>Ngama-20 iimbaleki ezikumaqela eentlangano zabadala zesizwe<br>Asi-8 amaZiko eSHARP asekiweyo<br>Li-17 iikhowudi zezikolo ezidlala kwiligi yezikolo ezidlala kunye kwisithili ngasinye<br>Zisi-7 izithili ezenza imiNyhadala yeMidlalo yezo ndawo<br>Zine iikliniki zokuqeqesha abaqeqeshi eziye zabanjwa<br>Zine iikliniki zokuqeqesha iimbaleki eziye zabanjwa<br>Mi-5 imisitho yokunikezelwa kweembasa zezemidlalo eye yabanjwa<br>Ma-2 amaziko aye abanolelwa naye axhaswa |



| | |
|---|---|
| Icandelo leNd-ebe yeHlabathi ka-2010 | Zi-5 iiFanjols (Kwiindawo zokubukela uluntu), enye ikuMasipala ngamnye wesiThili<br>Zi-5 iiNkqubo zokufikelela eluntwini eziye zenziwa zemisitho yebhola ekhatywayo<br>Li-1 540 izikolo ekuye kwajoliswa kuzo yiNkqubo "iMy 2010 School Adventure"<br>Zi-2 iiNdibano zokwabelana zocweyo zokuxhotyiswa koluntu ekuphuhliseni oosompempe bebhola abakhatywayo ukuze babenezakhono<br>Ngama-240 amavolontiya aqeqeshiweyo ukulungiselela u-2010 eWC<br>Isi-7 imisitho yeBhola ekhatywayo ezitalatweni esetyenziselwe ukuphuhlisa izakhono ekuhlaleni<br>Ngama-225 ulutsha oluphakathi kweminyaka eli-12-17 oluye lwaqeqeshwa ngabaqeqeshi abaphumeleleyo "beStars in their Eyes"<br>Bali-115 abaqeqeshi abaqeqeshiweyo "kwiStars in their Eyes" eyinkqubo yokuphuhlisa ibhola ekhatywayo<br>Zili-10 iiklabhu zebhola ekhatywayo ezidityaniswe nenkqubo yokuphuhlisa ibhola ekhatywayo "iStars in their Eyes"<br>Bali-120 ulutsha oluqeqeshiweyo kwiikliniki ezibalaseleyo<br>Zi-6 iikliniki zebhola ekhatywayo ezibalaseleyo eziye zabanjwa<br>Zi-2 iinkqubo zophuhliso eziye zaphunyezwa<br>Zibe-5 iiwotshi ezibala ixesha eliseleyo ukuze kufikwe kuloo midlalo yebhola ekhatywayo yehlabathi ebezikoomasipala aba-5 basekuhlaleni |

## Amanyathelo Okuphuculwa Kwendlela Yokunikezelwa Kweenkonzo

Iinkonzo zoBugcisa neNkcubeko ziphumeze isicwangciso sentsebenziswano es-omeleleyo nabo bachaphazelekayo esibone indlela enempumelelo ehlangeneyo kwinkqubo yabo yophuhliso. Kugxininiswe ekuhlolweni kwemibutho efumana inkxaso-mali neyenze unxibelelwano kwintsebenziswano lomelela ngakumbi phakathi kwesebe noluntu ekuhlaleni.

IiNkonzo zamaThala eeNcwadi zinabisele kwezinye iindawo iinqwelo zeencwadi ezijikelezayo (iWheelie Wagons) zasiwa eBuffelsjags Bay, e-Asla Park (Somer-set West, eSonskynvallei (Mossel Bay), eWandsbeck (Robertson) naseSandshill (eDe Doorns). Oku kunike uluntu olukwimimandla yasemaphandleni ikwazi uku-fikelela kwizixhobo zamathala eencwadi. Ngamathala eencwadi angamashumi amabini aye abonelelwa ngezibonelelo ezisisiseko zobugcisa kweZolwazi ne-zobuXhakaxhaka boQhagamshelwano. Ezi zibonelelo zisisiseko ziza kubonelela uluntu ukuba lukwazi ukufumana i-intanethi simahla kwaye ziza kuba negalelo kuphuhliso lwasemaphandleni.

Imidlalo noLonwabo zinabisele kwezinye iindawo ngempumelelo amaZiko eMOD (ukuthatha inxaxheba kwezininzi; ukuba namathuba nokufikelela kwi-inkonzo kunye noPhuhliso nokukhula) kwiphondo liphela. Oku kwenze ukuba abantwana, ulutsha nabahlali abaninzi bakwazi ukuthatha inxaxheba kwezemid-lalo nakwizenzo ezishukumisa imizimba. Umlinganiselo wabafundi/iimbaleki ezingama-19 370 zikwazile ukuya kumaziko eMOD kwiveki nganye.

## Ezinye Izalathisi:

- Jonga iNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcukacha neMidlalo ka-2010/11 xa ufuna ezinye iinkcukacha ngezona zinto/ngokucacileyo okuphunyelelwe liSebe.
- IziCwangciso zeSebe zokuPhuculwa kokuNikezelwa kweeNkonzo kusenzelwa nayiphi na imigangatho yeenkonzo.

## Ungaqhagamshelana Nathi Njani

Ukuba ufuna ezinye iinkcukacha, uneengcebiso kunye/okanye izincomo onazo nceda uqhagamshelane naba:

UMlawuli
Annerie Pruis
IBambela-ntloko loQhagamshelwano
ICandelo loQhagamshelwano noPapasho
1st Floor, Protea Assurance Building
Green Market Square
Cape Town
8000

Umnxeba: 021 483 9514 Ifeksi: 021 483 9521
I-imeyile: Annerie.Pruis@pgwc.gov.za



